# Asikho Isivumelwano Ngama Shaft Steward Agqibeleleyo

Imiba emininzi ishiyeke ingasombululekanga kuthethathethwano lalo nyaka phakathi kwe Chamber of Mines kunye ne NUM.

Eminye yale miba:

### Amashaft steward agqibelele

I Chamber isathi ngumba umakuthethwane ngawo kumgagatho wemayini, kodwa iwamkele umgomo wemizimveliso ngokubanzi wokukhuthaza imayini nazo zivumele amashaft steward agqibeleiyo.

### Umxolelanisi namatyala ukugxothwa

I Chamber ayivumi ukuthethana ngesivumelwano salomba komgagatho ophezulu, kodwa izokukhuthaza imayini zingene kwisivumelwano ne NUM.

### Abangcikivi

IChamber ayiwamkeli umbono wokuba abasebenzi abangengawo amalungu abhatale umthamo kumalungelo abawafumana kuthethathethwano oluqhutywa ngumbutho we NUM.

Yi Harmony ne Anglo American kuphela ezizimiseleyo ukubamba ingxoxo ngalo mba.

Isaphakamiso sabo ngabasebenzi abangengawo amalungu sesokuba bafake isadla se 1% kwimivuzo yabo "Kwingxowa Yesebe Lothetathethwano" okanye "Kwingxowa Yonxibelelwano Lwemizimveliso" nyanga zonke.

Inxenye yemali izokutshona kwi NUM. Eshiyekileyo izokuchithwa kwizinto ezifana noqeqeshe lonxibelelwano lwemizimveliso, nakwindleko zomxolelanisi njalo-njalo.

# INUM Imisele Ingxabano Ne GFSA

**I NUM imisele ingxabano ne Gold Fields of SA (GFSA) ngokungavumi kwayo ukunyusa imali ye Mineworkers Provident Fund.**

**I NUM isamile ukuthethane GFSA ukuba kufakelwe enye i 1% yokongeza kwimali ye Provident Fund, kodwa ayaphumelela.**

**Bangange 8 000 abasebenzi abachaphazelekayo kule ngxabano.**

**Kodwa ngelithuba imbonakalo yokulungiswa kwemivuzo ka 1992 ifikelele esiphelweni namanye amalungu e Chamber, ngaphandle kwe GFSA.**

## Ukwabiwa kwemveliso

**Imivuzo ephantsi efakelweyo iqala ku R29 ukuya ku R92 kumvuzo wenyanga. Isokuzokonyezelwa ngolwabelwano lwemveliso kweminye imizi yemigodi. Ukunyuswa kwemivuzo yenyanga iqalele ku 6 ukuya ku 8,9% (pesenti).**

**Yonke imizi yemigodi izimisele ngokwabelana ngemveliso nabasebenzi ngaphandle kwe GFSA ne Anglovaal, zona zinika 16% kuphela yokunyusa imivuzo.**

**Ezimayini zilandelayo zizimisele ukuthatha inxaxheba kulabelwano lwemveliso, i Freegold, Vaal Reefs, Western Deep Levels, Elandsrand, Salties, Blyvoor, Harmony, Buffelsfontein, Beatrix, St Helena, Unisel, Kinross, Winkelhaak, Grootvlei kunye ne Marievale.**

**I JCI ayizimiselanga ukuthethathethana ngokwabelana ngemveliso kunye ne NUM. Kunalonto i JCI ifuna ukuqhubeka ne bonus ekwakuthethathethwene ngoya kuthethathethwano lonyaka ophelileyo.**

**Amalungu e NUM alukhaba oluhlelo kwintlanganiso yeKomiti ePhezulu eyayibanjwe e Rhawutini ku Janiwari walo nyaka.**

**Uthethathethwano lusaqhubeka e Harmony, eBlyvoor nase sibhedlele sase Sir Albert Robinson ngokwehlukana kokunyuswa komvuzo.**

**Unyuso mali laswe Harmony yi R30 kuwo onke amazinga ngelithuba i Blyvoor ne Sir Albert Robinson Hospital zinikeza ngobuncinane bukunyusa obuyi R25 ne R35 bukunyusa umvuzo ngokulandelelana.**

# i-Chamber Iyamkele Imibango Engeyiyo Eyoqoqosho

Isivumelwano phakathi kwe Chamber of Mines kunye ne National Union of Mineworkers kufikelelwe kuso ngemiba engadibenanga noqoqosho ngethuba lothethathethwano lwemivuzo lalo nyaka.

Ezi zivumelwano zezi zilandelayo:

Amalanga ekhefu abhatalayo kuma shaft steward azimase uqeqesho lwezifundo zombutho andisiwe ukusuka kumalanga ama 4 ukuya kumalanga ama 5 ngonyaka.

IChamber ivumile ukubhatala amashift alahlekileyo kumaqabane azimase uthethathethwano lwemivuzo.

I NUM izokunikwa isihlalo kwibhodi yabaphathi be Rand Mutual Assurance Company, inkampani ebhatala imfanelo zabasebenzi abalimeleyo kunye neentsapho zabo. Ummeli we NUM uzokuvumeleka anyanzelise imizimveliso yemigodi ichaze ngeengxaki malunga nembuyiselo.

I Chamber (ngaphandle kwe Gold Fields) ivumile ikubhatala indleko eziphelelеyo zokufa kunye nezomngcwabo kubasebenzi mgodini.

I Chamber ivumile ukuthetha ne NUM malunga nokugcinwa kwempilo yeentsapho zabasebenzi mgodini abamnyama.

I Chamber ivumile ukuba kuthethwe norhulumente ngokulungiswa kumthetho wezifo ezihlasela abasebenzi base mayini kwaye kubhatalwe imali yembuyiselo elinganayo kubasebenzi abamnyama nabamhlophe.

Umqulu wamalungelo abasebenzi abazingxwelerha nabalimileyo kunye ne sivumelwano sonyango (Medical Separation Agreement) sizokunceda abasebenzi abangena kwazi ukusebenza ngenxa yezifo okanye ukugula sigqityiwe.




## Uluvo Luka Mhleli

Abaqeshi bamisele imfazwe kubasebenzi ngokubanika umvuzo omncinci kakhulu ongenakwazi ukwenza into ebonakalayo ngawo.

Sukela kulo nyaka uphelileyo abaqeshi babonakalise mhlophe ukuba abazimiselenga nakancinci ukwamkela imibango yomvuzo we NUM eyonanto egcina ekufa kwamandla emali emi ndawonye.

Isimo sibi kwezinye imayini zegolide ngenxa yeemeko zoqoqosho esingenziwanga ngabasebenzi mgodini.

Abaqeshi basebenzisa elithuba lale meko baqalisa ukubulala umgagatho wobomi babasebenzi ngokufakela umvuzo oyi 5-6% (pesenti) ingoma entsha yemizimveliso.

Ukunyuswa komvuzo wonyaka nge R45.00 kubasebenzi abamkela i R750.00 kumlingiselo wenyanga, ayithethi nto kodwa ithetha isigwebo sokufa ngendlela ebuhlungu yendlala.

Kulo nyaka imfazwe igqinisiwe njengokuba zonke iimayini kunye ne Eskom zizimisele ngokungajiki ekwenzeni imveliso enkulu ngokugqubeka nokucinezela imivuzo yabasebenzi.

Noxa abaqeshi benyanzelisa imivuzo elambisayo bebamba abasebenzi ngobhongwana ayikho into eyenziwayo ekukhuseleni imisebenzi yabo. Ukubulawa kwamawaka-waka emisebenzi emigodini naku Eskom esiyinto eqhelekileyo kwezindawo. Amaxhoba lawo abulawelwe umsebenzi alahlwa kwindawo zasemaphandleni apho bafike bajongane nentlupheko.

Ngokugqina kwengqondo zabaqeshi ukwala ukutyikitya isivumelwano ne NUM kuhlangabezwane nesifo somdilizo, isimo siya ngokubasibi.

Ngumgaqo wabaqeshi jikelele ukukhusela iingxaki zemizimveliso yabo ngokuphungula imivuzo yabasebenzi nangomdilizo.

Abaqeshi basebenzisa lomgaqo ngokukhohlakala kwenyathi etyiwa zintlungu. Uthethathethwano lwemivuzo ne NUM selujike lwaba lunxibelelwano olugqubeka esidlangalaleni njengokugqina nakubalikhuni kwendawo ephetheyo.

Ukukhohlakala kwemizi yemigodi apho abasebenzi bengagqugquzelekanga kakuhle ngaphantsi kwe NUM ingcinezelo icace gca okwekati emhlophe ehlungwini.

Ixesha lifikile ukuba abasebenzi bame ngenyawo balwele umvuzo ophilisayo kunye nokhuseleko lomsebenzi.

Into yokuqala ebalulekileyo lumanyano lwabo bonke abasebenzi mgodini kunye nabasebenzi bamandla ngaphantsi kwe NUM. Amandla abaqeshi axhomekeke kumanyano ekuxhaphazeni abasebenzi nokuba evela koluphina uhlanga.

Incukudu mazazi ukuba amalungu e NUM awasazimisele ukulwela abantu abamfimfitha igazi labo. Abo bavuna apho bengatyalanga khona mabayazi ukuba abasalindelekanga ukuba bafumane imfanelo zamalungu e NUM simahla into abangayifumani mahala kubaqeshi.